

# Ileta YamaHebhere Nathi



## SABATHA EMVA KWEMINI

**Fundela Le Veki:** *Heb. 2:3, 4; 1 Pet. 4:14, 16; Heb. 13:1-9, 13; 1 Kumkani 19:1-18; Heb. 3:12-14; Numeri 13.*

**Indima Yenkumbulo:** “Kuba kufuneka nibe nomonde, ukuze nithi, nakuba nikwenzile ukuthanda kukaThixo, nizuzane nalo idinga” (*Hebhere 10:36*).

Ingaba yakha yathi qatha kuwe into yokuba kunganjani ukuva uYesu, okanye omnye wabafundi baKhe, eshumayela? Sinezicatshulwa nezishwankathelo ezibhaliweyo zeentshumayelo zabo, kodwa ezi zisinika kuphela ingcamango engaphelelanga yokuba kunokuba kwakunjani ukuva bona. UThixo Yena usigcinele eziBhalweni oku kwentshumayelo enye: ileta kaPawulos eya kumaHebhere. UPawulos, umbhali wamaHebhere, wabhekisa kowakhe umsebenzi njenge “lizwi lenkuthazo [lemvuselelo]” (*Heb. 13:22*). Esi saci sasetyenziswa ukubonisa intshumayelo, endlwini yesikhungu, (*IZenzo 13:15*) nakunqulo lobuKristu (*1 Tim. 4:13*). Yiyo le nto kukho ingxoxo yokuba amaHebhere yeyona ntshumayelo yobuKristu yokuqala epheleleyo esinayo. AmaHebhere ayebhekisa kumakholwa awayamkele uYesu kodwa emva koko afumana ubunzima. Amanye ahlaziswa ekuhlени atshutshiswa (*Heb. 10:32-34*). Amanye akhangelana neengxaki zemali (*Heb. 13:5, 6*). Amaninzi adinwa aqala ukuba nemibuzo ngenkolo yawo (*Heb. 3:12, 13*). Ingaba bakho na kuthi abangathi nakuthi kunjje?

Umpostile, kwintshumayelo echukumisayo, wabanika umngeni, (nakuthi kwangokunjalo) ukuba bazingise elukholweni kuYesu bamilisele amehlo wabo kuYe, ngoku ekwincwele yasemazulwini.

*\*Funda isifundo sale veki ulungiselela iSabatha kaJanuwari 1.*

## Isiqalo Esingumangaliso

Ukuze sibe nokuyiqonda intshumayelo size sisamkele sisibhekise kuthi isigidimi sayo, sidinga ukuba siqonde imbali yebandla nemeko yalo xa abantu babefumana incwadi kampostile.

**Funda:** Hebhere 2:3, 4. Babenamava anjani abaphulaphuli bamaHebhrere xa babesanda kuguquka?

Le ndawo ithetha ukuba abaphulaphuli bamaHebhere babengazange bamva Yena uYesu eshumayela; kodwa kunjalo babezamkele iindaba ezilungileyo kwabanye abavangeli ababevakalisa kubo iindaba zo“sindiso.” UPawulos uyatsho ukuthi, abavangeli “basiqinisekisa” isigidimi kubo nokuba, uThixo ngokwaKhe wanika ubungqina ngemiqondiso nezimanga.” Oku kuthetha ukuba uThixo wanika isiqinisekiso esiphathekayo seendaba ezilungileyo ngemiqondiso nezinye izenzo ezinamandla—phakathi kwabo ikukukwabiwa kweziphu zikaMoya Oyingewe.” ITestamente eNtsha ichaza ukuba imiqondiso enjengemangaliso yokuphilisa, ukukhutshwa kweedemin, nokuthululwa kweziphu zikaMoya kwakusoloko kuhamba kunye nokushunyayelwa kweendaba ezilungileyo kwiindawo ezintsha.

ITestamente eNtsha ibalisa ukuba imiqondiso efana nemimangaliso yokuphilisa, ukukhutshwa kweedemon, nokuthululwa kweziphu zikaMoya yayikholisa ukuhamba kunye nokushunyayelwa kwegospile kwiindawo ezintsha.

Ekuqalekeni kwebandla lobuKristu, uThixo wathulula uMoya waKhe phezu kwabapostile eYerusalem ukuze bakwazi ukuvakalisa iindaba ezilungileyo ngeelwimi ababengazazi nokuze benze imimangaliso (*IZenzo 2, 3*). UFilipu wenza izimanga eSamariya (*IZenzo 8*), uPetros eYopa naseKesareya (*IZenzo 9, 10*), kanti uPawulos kulo lonke ulungiselelo lwakhe eAsia Minor naseYurophu (*IZenzo 13–28*). Ezi zenzo zamandla zaba bubungqina obaqinisekisa isigidimi so“sindiso”—ukumiselwa kobukumkani bukaThixo nokusindiswa ekugwetyweni nenkululeko kumagunya obubi (*Heb. 12:25–29*).

UMoya wawanika amaKristu okuqala ingqiniseko yokuba izono zawo zazixolelwe; ngoko ke, ayengoyiki kugwetywa, kwaza ngenxa yoko imithandazo yawo yaqina iqinisekile, inkolo yawo izele luvuyo (*IZenzo 2:37–47*). UMoya wabahlanguka nabo babethinjwe ngamagunya enkohlakalo, nto leyo eyaba bubungqina obunamandla kokongama kwamandla kaThixo phezu kwemikhosi yobubi, kwatyhila ukuba ubukumkani bukaThixo babumiselwe ebomini bawo.

**Lithini ibali lokuguquka kwakho? Zeziphi iindlela owaqinisekiswa ngazo elukholweni lwakho nasekukholweni kuYesu Kristu njengoMsindisi neNkosi yakho? Kutheni le nto kulungile ukuba ngamanye amaxesha ukhumbule indlela uThixo awaqala ngayo ukusebenza ebomini bakho ukukuzisa kuYe?**

## Idabi

Xa amakholwa evuma ukukholwa kwawo kuKristu aze azimanye nebandla, amisa uphawu lomda owahlula kwinxenye yomphakathi. Ngelishwa, oku kwaba ngunobangela wongquzulwano kuba kwasuka, ngaphandle kwentandabuzo, kwabonisa ukungahambelani nabantu kwanezinto abazixabisileyo.

**Funda:** Hebhère 10:32–34 noHebhère 13:3. Abanjani amava abaphulaphuli bamaHebhère emva kokugquka kwabo?

---

Kunokwenzeka kakhulu ukuba abafundi bamaHebhère bafumana ukuphatheka kakubi ngamazwi nasenyameni kwizandla zezixuku ezaxhokoxwa ngabachasi (*umzekelo: IZenzo 16:19–22, IZenzo 17:1–9*). Bafakwa nasentolongweni, kanti kusenokwenzeka ukuba babethwa nokubethwa, kuba amagosa ayenegunya lokugunyazisa ukuba bohlwaywe bavalelwe, phofu kungalandelwanga migaqo yomthetho yokohlwaya, ngexesha kuqokelelwa ubungqina (*umzekelo: IZenzo 16:22, 23*).

**Funda:** Hebhère 11:24–26 no-1 Petros 4:14, 16. Amava kaMoses nawabafundi baka-1 Petros asinceda njani ukuba sisiqonde isizathu sokuba amakholwa amaKristu atshutshiswe?

---

“Ukuthwala ungcikivo lukaKristu” ngokulula kwakuthetha ukuzifanisa noKristu ngokuthwala ihlazo nokuphathwa kakubi okuza nolu lwalamano. Ubutshaba basekuhleni ngakumaKristu kwakusisiphumo sokuzinikela kwawo kwinkolo eyahlukileyo. Abantu bayakwazi ukukhubeka zizenzo zenkolo abangayaziyo okanye ngabantu abandlela yabo yokuphila nokuziphatha kwabo okunokwenza ukuba abanye bazive benobutyala okanye behlazekile. Ngethuba lasembindini wenkulungwane yokuqala ngoku sele efikile uYesu, uTacitus wawabona amaKristu njengabantu abanetyala “lokuthiya uluntu.”—Alfred J. Church and William J. Brodrigg, trans., *The Complete Works of Tacitus*, (New York: The Modern Library, 1942) Annals 15.44.1. Nokuba sasiyintoni isizathu sesi sityholo, sibubuxoki phofu, amaKristu okuqala amaninzi, njengala uPawulos wawabhalela le nqwadi, ava ubunzima ngenxa yenkolo okanye ukholo lwawo.

**Wonke ubani, ongumKristu nongenguye, uphatheka kakubi. Kukuthini, phofu, ukuphatheka kakubi ngenxa kaKristu? Kungakanani ukuphatheka kakubi esijongene nako ngenxa kaKristu, kungakanani okuza ngenxa yokukhetha kwethu?**

## Ukungemi Kakuhle

Abafundi bamaHebhere baphumelela ukulugcina ukhoho lwabo nokuzinikela kuKristu, naxa saliwa batshutshiswa. Ukungqubana, phofu, kwabakho ekuhambeni kwexesha. Balwa idabi elilungileyo boyisa nangona babenxaphile.

**Funda:** Hebhere 2:18; Hebhere 3:12, 13; Hebhere 4:15; Hebhere 10:25; Hebhere 12:3, 12, 13; noHebhere 13:1–9, 13. Yeyiphi eminye imingeni awayejongene nayo amakholwa?

AmaHebhere [incwadi] asixelela ukuba abafundi baqhubeka nokuva ubunzima. Kwaqhubeka ukuwahlasela ngamazwi mhlawumbi nangezinye iindlela (*Heb. 13:13*). Amanye amakholwa ayesavalelwe (*Heb. 13:3*)—nto leyo enokuba yalisenga ibandla ngokwasemalini nasengqondweni. Babediniwe (*Heb. 12:12, 13*) kulula ukuba “angatyhafa” (*Heb. 12:3, NIV*).

Kuqhelekile ebantwini ukuba kuthi emva kokoyisa okuhle ukuzikhusela kwasengqondweni nokwezinye izinto kukhe kuyekelelwe, nto leyo eyenza ukuba kube lula ukuhlaseleka xa iintshaba zikhawuleze zabuya. Amandla athi ahlanganiswe ngumntu okanye isizwe ukuba kujonganwe notshaba oluzayo kunzima ukuwaphuthuma okwesibini.

**Funda:** 1 Kumkani 19:1–4. Yintoni eyenzekayo kuEliya?

“Into eye yenzeke emva kokhoho oluphezulu nempumelelo ephakame kakhulu yathi zintzi phezu kukaEliya. Woyika hleze uhlaziyo oluqale eKarmele lunganyamezeli; waza wathiwa hlasi kukudakumba. Ebephakanyiselwe kwincopho yentaba iPisga; ngoku wayesentilini. Ngexesha wayephantsi kwempemfumlelo kaSomandla, wamelana nezona zilingo zokhoho zikhulu; kodwa ngeli xesha lokutyhafiswa, isoyikiso sikaIzebhele sivakala ezindlebeni zakhe, noSathana esasebenza ngokuceba kwalo mfazi ukhohlakeleyo, walahlekwa kukubambelela kuThixo. Kuba ephakanyiswe ngaphezu komlinganiselo, unkwantyo lwakhe lwacaca kakhulu.”—Ellen G. White, *Abaprofeti NooKumkani*, amaph. 161, 162.

**Cinga ngamaxesha owakha wasilela ngawo ebomini bakho bobuKristu uzame ukuqonda iimeko nezinto ezabangela ukoyiswa kwakho. Yintoni ongowawuyenze ngenye indlela?**

## Ayamanani

Umpostile wabcebisa ukuba benze ntoni abafundi ngokwemeko yabo? Yintoni esingayifunda kumaHebhere ibe yinzuzo kuthi? Masisoloko siyicazulula indlela uThixo awanceda ngayo uEliya ukuze aphume ekuphelelweni kwakhe lithemba.

**Funda:** 1 Kumkani 19:5–18. Yintoni awayenzayo uThixo ukubuyisela ukholo kuEliya, umkhonzi waKhe?

---



---



---

Ibali lendlela uThixo awamphatha ngayo uEliya emva kweKarmele linika umdla kuba libonisa inkathalo enothando nobulumko uThixo alungiselela ngayo kwabo baphantsi koxinzelelo nabalwela ukuphinda bazuze ukholo. UThixo wenza izinto ezininzi. Kuqala wakhathalela izidingo zasenyameni. Wamnika ukutya, wamvumela ukuba aphumle. Emva koko, emqolombeni, wamthethisa ngobubele—“Uzokwenza ntoni na apha, Eliya?” (*NKJV*)—wamnceda ukuba azuze ukuqonda okunzulu kwendlela Yena Thixo asebenza ngayo nazizalisekisa ngayo iinjongo zaKhe. UThixo wayengekho emoyeni, kwinyikima, okanye emlilweni, kodwa wayekwilizwi elincinane. Emva koko, uThixo wamnika uEliya umsebenzi amakawenze, waza wamqinisekisa [ngokuba naye].

**Funda:** Hebhere 2:1, Hebhere 3:12–14, Hebhere 5:11–6:3, noHebhere 10:19–25. Yintoni uPawulos acebisa ukuba amakholwa ayenze?

---



---

Kuyo yonke incwadi yamaHebhere siyakwazi ukufumana imiyalelo emininzi umpostile awayinika abafundi ukubanceda ukuba babuyele kumandla nokholo lwabo lwasekuqaleni. Omnye umba awucinezelayo umbhali kukukhathalela izidingo zasenyameni kwabakholwa kunye nabo. Ucebisa ukuba kufuneka babenze ububele, bahambe nabo basentolongweni, into ethi bababonelele kwizidingo zabo. Umpostile ukhuthaza abafundi ukuba babe nobubele, bakhumbule ukuba uThixo akasayi kubashiya (*Heb. 13:1–6*). UPawulos uyabangxolisa ekwabakhuthaza. Wabalumkisa ukuba bangayi “behlehla” (*Heb. 2:1, ESV*) balahleke nokuba bangabi “nintliziyo engendawo, engakholwayo” (*Heb. 3:12*), wabakhuthaza ukuba bakhule ekuluqondeni ukholo (*Heb. 5:11–6:3*). Waya wathetha ngokubaluleka kokuzingisa ukuya emihlanganweni yenkonzo (*Heb. 10:25*). Ngokufutshane, wabcebisa ukuba bayamane, bakhuthazane, baluvuselele uthando nemisebenzi emihle, kodwa wamphakamisa uYesu nolungiselelo lwaKhe engcweleni ngenxa yabo (*Heb. 8:1, 2; Heb. 12:1–4*).

## Kule Mihla Yokugqibela

**Funda:** Hebhère 1:2; Hebhère 9:26–28; Hebhère 10:25, 36–38; noHebhère 12:25–28. Ithini ingongoma ayicinezelayo uPawulos apha, ngakumbi ngokubhekiselele exesheni?

Kukho isiqalo esibaluleke kakhulu asicinezelayo umpostile esongeza ekukhawulezeni kwenkuthazo yakhe: abafundi baphila kanye “kwimihla yokugqibela” (*Heb. 1:2*) kwanezithembiso esele ziza kuzalisekiswa (*Heb. 10:36–38*). Kunika umdla, njengoko siza kubona, ukuba, kuwo wonke umbhalo, uPawulos uthelekisa abamphulaphuleyo nesizukulwana sasentlango esama sifanelekile phambi kwemida yaseKanana. Ubakhumbuzisa esithi, “Kuba kusaya kuba mzuzwana mncinanana, athi lowo uzayo afike, angalibali” (*Heb. 10:37*). Ubuya ke abakhuthaze athi: “Asingabahlehla baye ntshabalalweni; singabokholo olusa ekuzuzeni umphefumlo” (*Heb. 10:39*). Le nkuthazo yokugqibela yabakhuthaza abafundi, kunye nathi, ngengozi abathi abantu bakaThixo ngokwembali babakuyo kanye phambi kokuba kuzalisekiswa izithembiso zikaThixo.

Incwadi kaNumeri ithetha ngale nto kanye. Ingxelo yeBhayibhile ithi aba mabini amaxesha, kanye phambi kokuba kungenwe eZweni leDinga, awaya woyiswa ngawo kabuhlungu.

Okokuqala, ngokubhalwe kuNumeri 13 ne-13, sixelelwa ngokuthandabuzwa okwasasazwa ziinkokeli eziliqela ebandleni kwaza oko kwalenza lwehla ukhohlo lukaIsrayeli. Isiphumo, ibandla laqgiba ukunyula inkokeli entsha ukuze libuyele eYiputa, kanye xa yayilixesha lokuba bangene eKanana.

Okwesibini, amaIsrayeli aziqamangela ngombulo nokunqula uthixo wobuxoki uBhahali Pehore (*Numeri 24, 25*). Nangona uBhahali wayengenako ukuzisa isiqalekiso kumaIsrayeli, uSathana wasebenzisa izilingo zesondo ukukhokelela amaIsrayeli kunqulo lobuxoki nesono, nokwenza ukuba uThixo angakhohliseki ngawo.

Umpostile ulumkisa abafundi bamaHebhère ngakuzo zombini ezi ngozi. Kuqala, ubakhuthaza ukuba babambelele baqinise kuvumo lokholo lwabo nokuba bamilisele amehlo wabo kuYesu (*Heb. 4:14, Heb. 10:23, Heb. 12:1–4*). Okwesibini, ubakhuthaza ukuba balumkele ukuziphatha kakubi [umbujlo] nokuba bangabi nakubawa [ukuthanda imali] (*Heb. 13:4–6*). Ekugqibeleni, ubakhuthaza ukuba baziqwalasele bazithobele iinkokeli zabo (*Heb. 13:7, 17*).

**Xa siqwalasela kweyethu indlela esiyiqonda ngayo imeko yabafuleyo— nokuba ngako nje ukuba siwavale emehlo wethu ekufeni, okulandelayo ngokwazi kwethu, kukuBuya kwesiBini— kutheni le nto sinokuthi bonke abantu baphila “kwimihla yokugqibela”?**

**Ingcamango Eyongeziweyo:** UDavid A. deSilva usichaza ngokucacileyo isizathu sokuba amaKristu apatheke kakubi atshutshiswe: AmaKristu amkela indlela yokuphila eyayibonwa njengechasene nendlela yabantu kanti ikwacinezela. Ukunyanyiseka koothixo, okwakubonakalaliswa ngokuthembeka okungcwele ekwenzeni imibengelelo nezinye izinto ezinjalo, kwakubonwa ngokomfuziselo wokunyanyiseka kwisizwe, emagunyeni, kubahlobo, nakusapho. Ukuzinqula izithixo kwakuyinto engumfuziselo wokuzinikela komntu kulwalamano olwalugcina uluntu ekuhlaleni luzinzile lunempumelelo. Ngokuzikhwebula koku, amaKristu (njengamaYuda) akrokrelwa njengazimisele ukwaphula umthetho nanesakhono sokuba ngababhukuji bobukumkani.” —*Perseverance in Gratitude* (Grand Rapids, MI: Eerdmans Publishing Company, 2000), p. 12.)

“Kwabantliziyo zityhafileyo, likho eliqinisekileyo lona ichiza—ukhoho, umthandazo, umsebenzi. Ukhoho nokusebenza kunika ingqiniseko nokwaneliseka okuya kusanda yonke imihla. Ingaba uyalingeka ukuba uziyekele kwimvakalelo yexhala lokoyika okukuzelayo nokuphelelwa lithemba ngokupheleleyo? Ngeyona mihla imnyama, xa imbonakalo imfiliba kakhulu, musa ukoyika. Kholelwa kuThixo. Uyayazi intswelo yakho. Unamandla onke. Uthando lwaKhe olungenamida nemfesane yaKhe azidinwa. Musa ukoyika usithi angasilela ukusizalisekisa isithembiso saKhe. Uyinyaniso engunaphakade. Akasayi kuze awuguqule umnqophiso awawenza nabo bamthandayo. Uya kubeka phezu kwabo bangabakhonzi baKhe abathembekileyo umlinganiselo wesakhono sempumelelo esidingwa yintswelo yabo. Umpostile uPawulos uyangqina: “Ithe kum yona, Ubabalo lwam lukwanele; kuba amandla am azalisekiswa ekuswelekeni kwamandla. . . . Kungoko ndikholisiweyo kukuswela amandla, kukuphathwa kakubi, ziingxakeko, ziintshutshiso, ziingxinano, ngenxa kaKristu; kuba xa sukuba ndiswele amandla, kuxa ndinamandla” 2 Korinte 12:9, 10.”—Ellen G. White, *Abaprofeti NooKumkani*, amaph. 164, 165.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

- ❶ Ingaba kuyenzeka ukuba “sahluke” ngenxa yokuzinikela kwethu kobuKristu, kodwa singatyholwa ngokuba ngabantu “abazahluleyo” nabangabakhathaleleyo abanye abantu? Ukuba kungenzeka oko, kungenzeka njani?
- ❷ Igama “ukuyala/ukuvuselela” eBhayibhileni linako ukubhekisa mhlawumbi ekungxoliseni okanye ekukhuthazeni. Kufuneka silumke kangakanani xa singxolisa umntu osele etyhafile okanye ephelwe lithemba?
- ❸ Zinto zini ezifanayo ozifumanayo phakathi kwamava wabafundi bamaHebhere nalawo ebandla laseLawodike lesiTyhilelo 3:14–22? Zeziphi iindlela athi amava wethu namhlanje, kumawaka amabini eminyaka kamva, afane nawabo, iyintoni esinokuyifunda koko kufanayo?